# UKUQULUNQWA KWESICWANGCISO SEMINYAKA EMIHLANU SESIXEKO SASEKAPA: 2011/12 – 2015/16 (IDP)

Ngomhla wama-30 Meyi 2007, iBhunga laphumeza iSicwangciso seMinyaka eMihlanu sesiXeko saseKapa [iSicwangciso esiHlangeneyo soPhuhliso (IDP)]. Olu xwebhu lukhokela ucwangciso lwesiXeko kwisithuba esisusela ngo-2007–2012, yaye kumele ukuba luphengululwe rhoqo ngonyaka ngokwemigaqo yoMthetho olawula iiNkqubo zikaMasipala (MSA), uMthetho wama-32 ka-2000.

IsiXeko siza kuqalisa amalungiselelo eSicwangciso seMinyaka eMihlanu ezayo (IDP) sebhunga elitsha ekulindeleke ukuba lonyulwe kwikota yokuqala ka-2011. Njengoko isicwangciso silungiselelwe ukuqinisekisa olona nikezelo ngeenkonzo lubalaseleyo kuni, abahlali baseKapa, siyixabise kakhulu inxaxheba yenu kule nkqubo ibaluleke kangaka.

Ixesha ekucingelwa ukuba liza kumiselwa ngalo le nkqubo limi ngolu hlobo:

Ukuququzelela ukubonisana noluntu, isiXeko siza kuphengulula imigangatho yaso ekhoyo kungoku nje yonikezelo ngeenkonzo nophuhliso ze simisele imisebenzi ephambili kucwangciso.

Ngo-Julayi/Agasti 2010, isiXeko siza kumema uluntu/iiforam zeewadi kunye nemibutho yamacandelo emisebenzi ukuncedisa ekukhetheni amaphulo aphambili kwiwadi, kwibhungana nakwisiXeko ngokubanzi. Kananjalo esi sigaba siza kuquka ukubonisana namanye amacandelo karhulumente ukuqinisekisa ukuba izicwangciso zethu zingqinelana neenkqubo zecandelo ngalinye.

Ngo-September/Okthoba 2010, amasebe aza kunika ingxelo yokwenziweyo kumabhungana malunga nemibandela/izimvo eziphakanyiswe ziindawo zasekuhlaleni. Ngexesha lesi sigaba, uyilo lwengxelo yonyaka kunyaka-mali ka-2009/10 luya kuthiwa thaca kwiKomiti yeSigqeba esilawulayo.

NgoMatshi 2011 siza kujonga uyilo lwe-IDP nolohlahlo-lwabiwo-mali lusandlalwa phambi kweBhunga. Ngaxeshanye, ingxelo yokubek'iliso yonyaka-mali ka-2009/10 iza kunikezelwa eluntwini.

Ngo-Epreli 2011, uluntu luza kukwazi ukuvakalisa izimvo zalo ngoyilo lwe-IDP nolohlahlo-lwabiwo-mali emva kokuba kufunyenwe ithuba lokuphulaphulwa konikezelo-nkcaza ngamasebe ohlukeneyo kwiintlanganiso zamabhungana.

Kucingelwa ukuba ekugqibeleni iBhunga liya kusiphumeza iSicwangciso esiHlangeneyo soPhuhliso nesohlahlo-lwabiwo-mali ebudeni benyanga ka-Meyi 2011. La maxwebhu aya kufumaneka kuluntu kamsinya emva koko.

Ngenene, la maxwebhu akanantsingiselo ngaphandle kokumiselwa okubekw'esweni. Ngenxa yoko, xa sele sibonisene nani ze safumana ulwamkelo lweBhunga, iinjongo ezihlaziyiweyo nemisebenzi ekujoliswe kuyo yokuphengululwa kweSicwangciso esiHlangeneyo soPhuhliso nohlahlo-lwabiwo-mali ziza kubandakanywa kwikhadi lamanqaku lamagosa aphezulu kwelo candelo, iZicwangciso zoNikezelo ngeeNkonzo nezokuMiselwa koHlahlo-lwabiwo-mali (SDBIPs) ngokunjalo nezivumelwano zendlela yokusebenza zamalungu eqela lesigqeba esilawulayo. Zonke ezi ziinkqubo zokubek'iliso ngenjongo yokuqinisekisa ukuba siyaziphumeza iinjongo zethu.

**Ngekopi eneenkcukacha yeshedyuli yexesha yeSicwangciso esiHlangeneyo soPhuhliso sonyaka-mali ka-2010/11 nenkqubo yohlahlo-lwabiwo-mali, uyacelwa ukuba undwendwele i-ofisi yebhungana lakho, okanye kule webhusayithi: www.capetown.gov.za. Ngolwazi oluthe vetshe malunga nale nkqubo, nceda utsalele umnxeba kule nombolo: 021 400 9803, uthumele ifeksi ku-021 400 4909, okanye i-imeyile kule dilesi: idp@capetown.gov.za**

ACHMAT EBRAHIM
UMPHATHI WESIXEKO

CITY OF CAPE TOWN | ISIXEKO SASEKAPA | STAD KAAPSTAD

ESI SIXEKO SISEBENZELA WENA